

# Vuk'uzenzele

**JOBS  
INSIDE:**

Produced by Government Communications (GCIS)

isiXhosa / English

| August 2016 Edition 2

## 2016 Elections gets a nod



South Africans came out in numbers to cast their votes in the 2016 Local Government elections.

### SANews

**G**overnment is pleased with voting during the 2016 Municipal Elections, which proceeded well.

About 26 million South Africans who registered cast their votes in the 22 612 voting stations situated nationally. This is the fourth local government elections.

President Jacob Zuma said the elections are an indication that South Africa is one of the countries in Africa that is leading in democracy.

"I am pleased our country is a demonstration of how democracy should work," said

the President after casting his vote.


Minister of Cooperative Governance and Traditional Affairs Minister Des Van Rooyen also congratulated the Independent Electoral Commission (IEC) for

delivering yet another election.

"Government applauds the youth, especially the first time voters, for their commitment towards advancing our democracy," said Minister Des Van Rooyen, who is also the chairperson of the Inter-Ministerial Committee (IMC) on Elections.

Over 75 000 police members deployed at polling stations ensured that elections were held in a safe environment.

Government has encouraged all citizens to work together with those elected to public office to strengthen



President Jacob Zuma casting his vote.

local government.

Chief Electoral Officer of the IEC Mosotho Moepya said the country should be proud of the achievements.

First-time voter, Israel Mnisi from Soshangwe in Pretoria, said he was excited to cast his vote.

"I have long been waiting for this moment, it's exciting, now I know that I have voted for my community to get better service delivery," he said.

Another community member, who was excited about the day, was Martha Thusi from Soweto who said voting is about honouring the past and reaffirming the country's democratic future.

"I could not just sit and not vote. We might have challenges as a country but after 22 years of freedom - a lot has been done. In my area for example we have most of the basic services. We have schools, clinics, libraries and shopping malls," she said.

Her only wish was that the new councillor continues with the delivery of services.

Despite these, Thusi acknowledged that there were still challenges facing local government but was also of the view that voting is more effective than service delivery protests. ■

### Voting in numbers

- Over 73 million ballot papers were printed.
- 4 649 unique ballot papers representing political parties and independent candidates.
- A record of 200 parties and 61 014 candidates contested the Municipal Elections. This was approximately 65 percent more parties and approximately 12 percent more candidates than the previous municipal elections held in 2011.



**Better access to medication**

**Page 4**



**More homes for Etwatwa community**

**Page 6**

**ICT can help improve SA**

**Page 9**

ALSO AVAILABLE ON:



**t** @VukuzenzeleNews

**f** Vukuzenzele

Websites: [www.gcis.gov.za](http://www.gcis.gov.za)  
[www.vukuzenzele.gov.za](http://www.vukuzenzele.gov.za)  
E-mail: [vukuzenzele@gcis.gov.za](mailto:vukuzenzele@gcis.gov.za)  
Tel: (+27) 12 473 0179

**Free Copy**

# Amayeza afumaneka lula

**Nonkululeko Mathebula**

**K**ungekudala, abemi boMzantsi Afrika baza kuzithathela ngokwabo amayeza wabo koomatshini abafana na-bee-ATM endaweni yokuya kwiikhemesti.

Oku kwenzeka ngenxa yentsebenziswano phakathi kweSebe lezeMpilo kunye nombutho iRight To Care.

Nangona lingekaphelelwa ngokusesikweni, iCandelo lokuKhupha amaYeza (i-PDU) lale mihi liya-sebenza kungoku nje kwi-Sibhedlele iHelen Joseph, e-Alexandra, eRhawutini nakwiSibhedlele iSteve Biko Academic ePitoli.

Iinjongo zale nkqubo intsha kukuphungula imigca emide, ukuphucula uhanjiso lweenkonzo kunye nokubonelela uluntu ngeenkonzo zezempiro ezisemgangathweni.

E thetha nentatheli ka-Vuk'uzenzele ngethuba etyelele kwiSibhedlele iHe-

len Joseph, uDavid Molele, ongumsebenzi owenza iirobhothi kunye noncedisa kwiinkqubo zekhompyutha eRight-e phamarcy, uthe lo matshini uza kuziphungula iingxaki zokubhalisa ezithanda ukuhlupha.

"Le nkqubo intsha eyamkelwenzandla ezishushu ngabo sele beyisebenzisile ukuza kuthi ga ngoku iliphungule ixesha lokulinda

## "Le nkqubo iye yaphungula

### nexesha elichithwa

### kulindiwe ngabo baze

### kuthatha amayeza laya

### kutsho kwimizuzu ephakathi kweli-15 nengama-20."

kwabo bayu kwizibhedele zikarhulumente.

"Le nkqubo iye yaphungula nexesha elichithwa kulindiwe ngabo baze kuthatha amayeza laya kutsho kwimizuzu ephakathi kweli-15 nama-20 kwaye okuyile nto kanye siyifunayo,"

utshilo uMolele.

I-PDU isebenza njenge-ATM yebhanki. Ukuze abantu bakwazi ukufumana amayeza abo, kufuneka babhalisele le nkondo kuqala. Emva koko baza kufumana ikhadi elifana nelebhanki. Ukukhupha amayeza abo, abantu bathatha nje ngokufaka ikhadi labo kumatshini we-PDU, bafake i-PIN bakhethi iyeza abalifunayo elikulu hlu lw amayeza akwiphepha labo likagqirha.

NgokukaMolele, iphupha lelokuba aba matshini babe khona kumaziko anoderhu lweevenkile nangakwiiренke zeeteksi ukwenzela ukuba abantu bakwazi ukuwfumana amayeza ngexesha abawafuna ngalo.

Le nkqubo ye-ATM sele ikhona e-Alex Plaza e-Alexandra, eNdofaya Mall eSoweto kunye naseDiepsloot.

Ukfumana amayeza ngalendlela kunamathuba amahle okwenza lula ukuba abantu abasebeniza amayeza e-Ntsholongwane kaGawu-



I Candelo lokuKhupha amaYeza (i-PDU) liza kubonelela uluntu ngeenkonzo zezempiro ezisemgangathweni.

layo (i-HIV) ukuba bafume amayeza abo.

UMphathiswa weze-Mpilo u-Aaron Motsoaledi ethetha kwiNkomfa yeHlabathi kaGawulayo (i-AIDS) ebibanjelwe eDurban, uthe uMzantsi Afrika uneyona nkqubo inkulu yonyango lwe-HIV kwihibathu.

"Inani labantu abasebeniza amayeza e-HIV kule minyaka ingama-30 linyuke lisuka kubantu abanga-ma-400 000 laya kutsho kwabazizigidi eziyi-3.4.

Noko kunjalo, inani loonompilo alinyuki ngokwaneleyo ukuze likwazi ukumelana neli nani landayo labantu abane-HIV, into leyo ebangela inkxamleko kubantu abafuna amayeza nokuba bangawasebenzisi ngokufanelekileyo amayeza.

"Ke ngoko kubalulekile ukuba siwamkele onke amalinge akhoyo ukwenzela ukuba kuge lula ebantwini ukuba baqhubeleke befuma-na amayeza" utshilo uMphathiswa Motsoaledi. □

# Ilizo lomongo lize nethemba

**Noluthando Mkhize**

**I**-leukaemia ibutshintshe kakhulu ubomi bukaSibongile Mkhwanazi (one-minyaka engama-21 ubudala) kule minyaka mielanu idlulileyo.

Wayehlala nomama wakhe eKroonstad, eFreyistatha ngethuba kufunyaniswa ukuba une-leukaemia.

"Ubomi bam batshintsha. Nda-tshintsha ndisuka kwintomba-zanana ezipophile ubomi bayo obungenanto ndaya emntwini onesifo esiyingozi.

"Ndandina ma q ha k u v a ebusweni aye aqala ukudu-mba. Oku kwenza umama wam ukuba afune uncedo loogqirha. Ndaye ndaphelelwa ngamandla kwaye nendlela endandiqhuba ngayo kwizifundo zam yaye yachaphazeleka, ndaze ndasiye-ka isikolo."

Emva kokuba oogqirha be-fumanise ukuba uMkhwanazi une-leukaemia waye walaliswa esibhedlele iinyanga ezintandathu. Ngeli thuba asesibhedlele wayephelwelwe lithemba.

"Ndandiziva ndahluke kakhu-lu kwabanye abantwana esikolweni kwaye kwakunganyameze-leki kum ukubona intlungu yokukhathazeka kumama."

Minyaka le amawaka abemi boMzantsi Afrika bafumaniseka bene-leukaemia, umhlaza wegazi owawusakuthathwa ngokuba ngumbulali ngaphambili.

Kule mihi i-leukaemia iyan-yanekwa kumaxa amaninzi. Oku kutshiwo nguGq Guni Goolab iGosa eliyiNtloko leSikimu sezoNyango sabaSebenzi baka-Rhulumente (u-GEMS).

UGq Goolab uthi amaphulo ophando ngamayeza okunya-nga umhlaza ayakhula kanga-ngokuba i-leukaemia kunye ne-zinye iintlubo zomhlaza wegazi azisathathwa njengezifo ezinga-nyangekiyo.

"Inani labo basindayo ekubulaweni yi-lymphocytic leukaemia eyingozi, olona hlobo lomhlaza luxhaphakileyo ebantwaneni, linyuke lisuka kwi-3% laya kutsho malunga nama-90% kule minyaka ingama-40 idlulileyo ngoncedo lohlobo lonyango oluphezulu elifana nokufakelwa iiseli zomongo wethambo, into leyo enceda ukukhupha iiseli zomhlaza emzimbeni womntu onomhlaza," utshilo uGq Goolab.

UMkhwanazi usaya rhoqo kwagqirha ukuya kuzijonga ukuba uqhuba njani na kwaye ogqirha babanike ithemba yena nonina.

"Kutsha nje ugqirha ebendi-xelele ukuba bamfumene umntu oza kunikezela ngeeseli zomo-ngo ngoku umzimba wam bayawuhila-bhila ukulungiselela olu tyando."

Kubantu abaninzi abane-leukaemia, ukufakelwa iiseli zomongo yiyo kuphela into enokubasindisa.

Kukwiimeko ezinje ngezi apho imibutho efana neSunflower Fund ethi incede.

I Sunflower Fund ngumbutho

ongekho phantsi korhulumente (i-NGO) ozimisele ukwandisa inani labantu abakuLuhlu loMzantsi Afrika loMongo, i-South African Bone Marrow Registry (i-SABMR), ngokuqokelela imali yamalizo efunekayo ukubhatalela unyanglo lokuva-vanya uhlobo lweeseli zomzimba.

Amathuba okufumana umntu onohlobo lweeseli zomongo ezihambelana nezomnye ngumntu omnye kwabangama-100 000.

## Ubusazi na?

- Ngamatsipni egazi amabini kuphela afunekayo ukuze ubhalise njengomntu onokunikela ngeeseli zomongo.
- Ukonikela ngeeseli zomongo akubuhlungwanga, kufana nje nokunikela ngegazi.
- Kufuneka ube neminyaka yobudala ephakathi kweli-18 nama-50 kwaye ube nobunzima bomzimba obungaphezulu kweekhilogremu ezingama-50 ukuze ukwazi ukonikela ngeeseli zomongo.
- Amathuba okufumana umntu oneeseli zomongo ezihambelana nezomnye ngumntu omnye kwabangama-100 000.
- Ummi woMzantsi Afrika omnye kwabangama-100 000 uza kufunyaniswa ene-leukaemia.
- I-leukaemia sisifo apho umzimba uvelisa iiseli ezimhlophe zegazi ezingalunganga ezinini kakhulu ezithi zithathe indawo yeeseli ezimhlophe kunye neeplatel eziphilileyo nezifanelekileyo kwaye nomzimba uphelelwe ngamandla.

ma-100 000 onokuba nohlobo lweeseli zomongo ezihambelana nalo ufuna ukufakelwa umongo.

Yiyo loo nto iSunflower Fund ingalaliyo ikhuthaza abemi boMzantsi Afrika ukuba babhalise kuluhlu i-SABMR. Uku-bhalisa kolu luhlu kulula kwaye kuquka ukutsalwa igazi ukujonga ukuba unganakho na ukunkela ngeeseli zomongo komnye umntu ngenye imini.

UMkhwanazi ubongoza bonke abemi boMzantsi Afrika ukuba bafunde nge-leukaemia basindise ubomi babantu.

"Ndifuna ukubongoza abemi boMzantsi Afrika ukuba bafune ulwazi olwaneleyo nge-leukaemia ukuze basindise ubomi babantu abaninzi." □

**Ngeenkukakcha ezithe vetshe tsalela umnxeba**

**kwaSunflower Fund kule nombolo ingahlawulewayo:**

**0800 121 082 ukuze ube ngomnye onokunikela ngeeseli zomongo, okanye ungene kule webhusayithi: www.sunflowerfund.org.za**

\* Inxalenye yeli nqaku isuka kwiSikimu sezoNyango sabaSebenzi bakaRhulumente.

# Ezinye izindlu zakhelwe abantu base-Etwatwa

## Nonkululeko Mathebula

**A**bahlali bakwa-Extension 35 eCombiza Etwatwa, e-Ekurhuleni ngoku nabo banezindlu ezisemgangathweni.

A max esha okuhlala ematyotyombeni nokuqesha amagumbi eziyadini zabanye abantu agqithile. Oku kwenzeke ngethuba uSodolophu ophumayo woMasipala o-Mbaxa wase-Ekurhuleni uMnu Mondli Gungubele kunye neLungu leKomiti kaSodolophu (i-MMC) lezokuHhalisa koLuntu u-Aubrey Nxumalo benikezela ngezindlu e-zingama-70 kubahlali kulendawo. Ethetha ngethuba lokunikezelwa ngokusesekwani kwezi zindlu uMnu Gungubele uthe ezi zindlu zindilisekile kwayeziza kubuyisela abahlali isidima sabo.

"Njengesixeko sinikezela ngezi zindlu zintsha kraca kubantu abazifuna ngenene, njengenxalenyen yenkubo

yethu yezindlu.

"Siceba ukwakha ezinye izindlu ezingama-8 000 ekupheleni kwalo nyaka-mali kwaye siyababongoza abantu bafumene izindlu okokuqala ukuba bayigcine

**"Ngoku ndiyakwazi ukuhlala endlwini yam ndingenakhala lokuba kuza kwenzeka ntoni kwizinto zam ukuba kungathi kunethe."**

icocekile indawo yabo futhi bangakhi amatyotyombe eziyadini zabo," utshilo.

Ezi zindlu zinamagumbi okulala amabini, elokuhlambela, ikhitshi elidibene negumbi lokuphumla. Leendawo intsha ineendlela ezi-fakwe itha, umbane, iziseko zogutulyo, amabala okuzonwabiswa, amaziko okufundisa abantwana abaselula, kunye neendawo zokukhwela izithuthi zikawonke-wonke, ezifana neerenki zeeteki.



UPertunia Mnyakeni akakwazi ukuzibamba luvuyo lokufumana indlu. Nanku apha eme no-MMC u-Aubrey Nxumalo (ngasekholo) kunye noSodolophu wase-Ekurhuleni uMondli Gungubele.

Omnye wabantu abafumene indlu uPetrus Mashego (oneminyaka engama-45 ubudala) uhleli etyotyombeni iminyaka engama-22.

"Ndivuya kakhulu, oku ingathi liphupha kum. Ngoku ndiyakwazi ukuhlala endlwini yam ndingenakhala lokuba kuza kwenzeka ntoni kwizinto zam ukuba kungathi kunethe," utshilo.

UNxumalo uxelele intathe-

li yakwa-Vuk'uzenzele ukuba olu lwakhiwo luhambisana nokuzalisekisa umbono karhulumente.

"Ngethuba sisonyulwa ukuba silawule oorhulumente bemimandla ngowama-2011 sathembisa abantu bakuthi ukuba izinto ziza kutshintsha kwaye siza kwenzela wonke umntu ubomi obungcono.

"Sakhe izindlu ezinga-

ma-300 eCombiza ngenxa yoko kwaye ezinye izindlu ziza kwakhiwa kwimimandla eyahlukeneyo yesixeko. Injongo yoku kukuqhubeleka sibuyisela abantu bakuthi izidima zabo," utshilo uNxumalo.

Wongeze ngelithi kuza kuqualwa ngabantu abadala, abantu abakhubazekileyo kunye namakhaya angenabantu badala. ▶

# Izindlu zakhelwe abantu baseThoyane

## Thandeka Ngobese

**A**bantu ababehlelekile ngaphambili ku-Masipala weNgingqi-iVulamehlo kwiphondo la-KwaZulu-Natal ngoku bahla-ezindlwini ezindilisekileyo, oku kwenzeke ngenxa yeSebelozokuHhalisa koLuntu la-KwaZulu-Natal.

Kutsha nje iphulo elixabisa izigidi zeerandi ezili-161 lokwakhela abantu baseThoyane izindlu linekizelwe ngo-kusesikweni nguMphathiswa wePhondo (i-MEC) wezokuHhalisa koLuntu nemisebenzi kaRhulumente uRavigasen Pillay. Ezi zindlu zili-1 500 ziyinxalenyen yenkubo kaRhulumente eGcweleyo yokuPhuhliswa kwamaPhandle enjongo zayo ikukulwa ingxaki yokungabikho kophuhliso, ukunqongophala kooktya, intswela-nqesho, indlala kunye nezinye izinto zokuhlala ezimbi esele izizinto ezifaniswa neendawo zasemaphandleni.

Omnye wabantu abafumene izindlu uNtombizonke Maphumulo (oneminyaka engama-52 ubudala) uxelele intatheli yakkva-Vuk'uzenzele ukuba akase-



USodolophu kaMasipala iVulamehlo uMnu Thabani Dube kunye no-MEC wezokuHhalisa koLuntu nemisebenzi kaRhulumente uRavigasen Pillay banikezela ngendlu kuNtombizonke Maphumulo.

benzi ke ngoko akakwazi ukuzakhela eyakhe indlu.

"Ndingumzali ongatshatanga onabantwana abathathu kunye nomzukulwana omnye. Bonke abasebenzi, lo umncinci yena usafunda. Siphila ngesibone-lelo-mali sabantwana. Siyambulela urhulumente ngokusakhela indlu endilisekileyo," utshilo.

U-MEC Pillay uthe urhulumente wephondo sele akhe izindlu ezingaphezu-lu kwama-800 000 ukususela ngowe-1994 kwaye udale namathuba ezindlu angama-80 000 esebezisa imihlabo efake-Iwe zonke iziseko zophuhliso

nezinye iinkonzo.

"Siyazazi aphi sivela khona kwaye siyazazi nokuba siyaphi. Urhulumente unesicwangciso kwaye uzimisele ukusibona esi sicwangciso sisiba yimpumelelo," utshilo.

Wongeze ngelithi iProjekthi

**"Kudala ndaphupha ngokuba nendlu endilisekileyo ngenye imini."**

yaseThoyane yoLwakhiwo IweziNdalu emaPhandleni i-

bonakalisa ukuzimisela kuka-rhulumente ekwakheni iindawo zokuhlalisa uluntu ezingasileli nganto.

"Kule minyaka mithathu izayo, kude kube ngowama-2019, sizimisele ukuvula amathuba asisigidi okwakha izindlu sisenzela amakhaya afanelekileyo kwiindawo ezisezidolphini nase-maphandleni.

"Sikwanayo nenyen iprojekthi ebizwa ngokuba yiProjekthi yoLwakhiwo IweziNdalu emaPhandleni kaWadi 5 no-7 eVulamehlo. Le projekthi ityabule imali ezizigidi zeerandi ezingama-215 iza kuxamlisa

abantu abangama-2 000 kwezi wadi zimbini."

Omnye oxhamlileyo kule projekthi uNomvula Nzimakwe (oneminyaka engama-47 ubudala) uxelele intatheli yakva-Vuk'uzenzele ukuba iphupha lakhe liye lazalisekiswa ekugqibeleni. "Kudala ndaphupha ngokuba nendlu endilisekileyo ngenye imini. Ndihleli apha kweli tyotyombe iminyaka eli-10. Ngee mini ezinethayo, bendilala emanzini. Iphahla letyotyombe lam belivuza yonke indawo. Siyambulela urhulumente ngale ndlu eza kuthi ibuyisele isidima sosapho lwam," utshilo.

Iprojekthi yaseThoyana yoLwakhiwo IweziNdalu emaPhandleni nayo ikwadale imisebenzi engaphezulu kwa-ma-400.

USodolophu waseVulamehlo uMnu Thabani Dube uthe urhulumente uyazizalisekisa izithembiso zakhe.

"Bonke abantu abafanele ukufumana izindlu baza kuzifumana. Eli linqanaba lokuqala Iwale projekthi, inqanaba lesibini nalo lisendleleni njengoko etshilo u-MEC," ulebele watsho. ▶